TSITSA PROJECT

# Incwadana yeendaba YeTsitsa Project

No. 4

Sep 2021

*Iprojekthi yeTsitsa (TP) iyaqhubeka nokubandakanya abasebenzi bayo kunye namaqabane ayo ngokusebenzisa amaqonga e-intanethi ngenxa yesifo seCovid-19. Nangona kunjalo, iProjekthi iyaqhubekeka ukuvelisa iziphumo ezifunekayo, kunye nokuhlangabezana neenjongo zayo. Apha ngezantsi kukho ukuqaqanjiswa kweminye yemisebenzi ephambili eyenzekayo kwiProjekthi yeTsitsa. Umsebenzi kwi khetshimenti iTsitsa wenziwa liqabane, u-LIMA, ohlale enxibelelana nabantu xa kudingeka ukuba sidibane nabo, kwaye isebenzise izixhobo ezifumaneka kwi-Intanethi ezikhoyo ngoku kogxa bethu kwi khetshimenti.* [1]

## ITsitsa projekthi iVavanye *survey* yoLuntu nezoBomi yonyaka

Uvavanyo lwe-*survey* lugubungele uluhlu olubanzi lwezentlalo, uqoqosho, imibuzo ngendlela yokuphila, kunye nemibuzo ethetha ngotshintsho lwemozulu. Olu phononongo lujolise ekuzeni nezalathi zentlalo ukunceda iProjekthi yeTsitsa, abahlali be khetshimenti yaseTsitsa kunye neqela lababphandi ukulandelela iimpembelelo zentlalo ezivela kwimisebenzi eyahlukeneyo efuna ukwenza isiphumo ekubuyiselweni komhlaba, kulawulo lomhlaba oluzinzileyo nakwimpilo ephucukileyo. Ngamashumi amathathu anesithathu abantu abathathe inxaxheba kuvavanyo lwe-*survey* olwaqhutywa ngamaGosa oqhagamshelwano noluntu (*CLOs*). Emva kokugqitywa kophando lwe-*survey*, ii-*CLOs*, iqela le-Tsitsa Project kunye no-LIMA babambe intlanganiso yokunika ingxelo ngengxoxo zokuba ingaphuculwa njani le-*survey* khonukuze ikwazi ukuqaliswa nakwixesha elizayo. Intlanganiso yenziwa ngo-Zoom nakwii-*CLOs* zadibana kwii-ofisi zika-LIMA eNqanqarhu zaza zasebenzisa iprofayili enye yokuzibandakanya.




## Ukuququzelela ukuFunda kwezeNtlalo kunye nokuBandakanyeka kwabaThathi-nxaxheba kwiMeko zoLawulo lweMithombo yeNdalo. Ikhosi yokuqala ("yoQeqesho lwabaQeqeshi")




Ikhosi iphele nge-7 kaMeyi 2021, usuku lokugqibela lokungeniswa kweModyuli yesine. Ikhosi iyavavanywa ngoku kusetyenziswa i-*Wenger-Traynor Value Creation Framework* (VCF), ukufumanisa uhlobo lwexabiso olufunyenwe ngabathathi-nxaxheba kunye neqela elidibanisayo elithatha inxaxheba kule khosi. Iphepha ehlaziyiweyo ngontanga kulindeleke ukuba liphume kulenkqubo.

Iqela "loQeqesho lwabaQeqeshi" nalo ngoku lenza umsebenzi wokumodareyitha ukuze babenako ukunika izatifikethi kubathathi-nxaxheba abagqibileyo ikhosi. Bangaphezu kwamashumi asibhozo abathathi-nxaxheba ekulindeleke ukuba bafumane izatifikethi zabo zobuchule okanye ezokuthatha inxaxheba kule khosi.



[1] Translated by Athabongile Makhalima

forestry, fisheries & the environment
Department: Forestry, Fisheries and the Environment
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

RHODES UNIVERSITY Where leaders learn

TSITSA PROJECT

LIMA

## Imisebenzi kwi khetshimenti

Indawo yaseTsitsa iyaqhuba nokuzibandakanya neProjekthi yeTsitsa ngeSenior Socvial Faciliator esuka ku-LIMA kunye ne Catchment Coordinator yeTsitsa projekthi.

Amafama ase Lower Tsitsana abonise umdla omkhulu wokuseka umbutho wamadlelo (*iShed Association of Farmer*), kwaye adibana noLIMA ukufumana ulwazi malunga nokuba zeziphi iinkqubo zokwenza umbutho wokutyisa amadlelo, nokuba yintoni izibonelelo zombutho, ngokufikelela Iimarike zoboya kunye nefandesi, zezi. U-LIMA wabelane ngenkcazo ebanzi yeemfuno zokwenza umbutho wolawulo lwamadlelo kwaye yaxoxa ngezibonelelo kunye neqela. (Umfanekiso 1)



UMFANEKISO 1: *Iindwendwe ezivela eLower Tsitsana naseLIMA ngexesha lentlanganiso malunga nesivumelwano sombutho wamadlelo*




UMFANEKISO 2*: Ukwenza amagqabantshintshi avela kwi-CSA kunye nenyama yamagosa endalo ukuya kumafama avela kwiProjekthi yaseTsitsa nase-Bulwer ngethuba lefandesi yemfuyo eMaluti.*

Abalimi bemfuyo abavela eSinxaku naseTsitsana bazimase ifandesi yemfuyo ebibanjelwe eMatatiele ukuze bafumane ulwazi kunye namava malunga nendlela eqhuba ngayo ifandesi kunye noncedo lokuba nombutho wokutya emadlelweni (Imifanekiso 2 neyesi-3).



UMFANEKISO 3*: Amafama asuka kwiprojekthi yaseTsitsa ejonge ngefandesi kunye nosibonda uMnyazane waseLower Tsitsana bebuza imibuzo ngethuba benikela ingxelo kwifandesi yemfuyo eMaluti.*

### Ushicilelo lwamva nje

Libala N, Palmer CG, Odume ON (2021) The evaluation of biological indices to assess the condition of hillslope seep wetlands in the Tsitsa River Catchment, South Africa. PLoS ONE 16(5): e0251370. https://doi.org/10.1371/journal.pone.0251370

forestry, fisheries & the environment
Department: Forestry, Fisheries and the Environment
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

RHODES UNIVERSITY
Where leaders learn

TSITSA PROJECT

LIMA

